URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshon Koloni
**Andre Lamprecht**
ICandelo leKharityhulam ye-*GET*
Andre.Lamprecht@westerncape.gov.za | 021 467 2619

Inombolo yefayili.: 21/2/5/2
Isalathiso: 20241204-9102

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET*: 0010/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beSigaba esiPhakathi/be-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba esiPhakathi, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezifundisa amaBakala R ukuya ku-7

**ISihloko: Ukuphunyezwa kweMfundo kusetyenziswa iilwimi ezimbini nesekelwe kuLwimi lweNkobe (*Mother Tongue-based Bilingual Education*) ngo-2025**

1. ISetyhula 18/2024 yeSebe leMfundo esiSiseko (*DBE*) yomhla we-16 Oktobha 2024 (isiHlomelo A), ixhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngaxeshanye (*translanguaging)* ekufundiseni nasekufundeni ukuxhobisa abafundi ngolwimi lwabo lwasekhaya (ulwimi lwenkobe). ISebe leMfundo leNtshona Koloni linovuyo ukwazisa ngokuqaliswa kwe-*MTbBE* eNtshona Koloni. Injongo kukuphucula iziphumo zemfundo lo gama kukhuthazwa ukuhlonitshwa kweelwimi nenkcubeko yabafundi.

2. **Iziphumo zokuphunyezwa kweMfundo ye-*MTbBE***
   Ukuqaliswa kwe-*MTbBE* ngesi-Afrikansi, isiNgesi, nesiXhosa kwizikolo eziziiprayimari kunenzuzo eninzi. Injongo kukukhuthaza iziphumo zemfundo, ukukhuthaza ukuzazi ngokwenkcubeko nokomeleza ubumbano kwezentlalo (*social cohesion*) phakathi kwabafundi.

3. **Ukuqonda ngakumbi ngeMfundo ye-*MTbBE***
   Ukufumana ingcaciso ecace ngakumbi ngeMfundo ye-*MTbBE*, kucelwa nifunde iSihlomelo B esiqhotyoshelweyo, esinika ingcaciso eneenkcukacha zalo mbono.

4. **Iindima kunye nemisebenzi eluxanduva**
   IsiHlomelo C sichaza iindima nemisebenzi eluxanduva lwabathathi-nxaxheba abohlukeneyo ukuqinisekisa ukuphunyezwa ngempumelelo kwe-*MTbBE*.

5. **Ukugaya inkxaso nokukukhuthaza ukuba nolwazi**
Ukuxhasa ukuqaliswa kweMfundo ye-*MTbBE*, inkqubo yenkxaso yokugaya inkxaso iya kuqala ekuqaleni kuka-2025. Oku kuya kuquka:

- Oomasifundisane noqeqesho: Iiseshoni zolwazi zabachaphazelekayo ngeenzuzo zeMfundo ye-*MTbBE*.
- Uthethathethwano noluntu: Ukubandakanya abazali neenkokeli zabahlali ukukhuthaza inkxaso.
- Intsebenziswano: Ukusebenzisana nemibutho yasekuhlaleni kunye nemibutho engekho phantsi kukarhulumente ukukhuthaza ukuba nolwazi ngalo mba nokuqokelela izimvo.

6. **Ukumiselwa ngokusesikweni**
ISebe iWCED liya kuyimisela ngokusesikweni kweMfundo ye-*MTbBE* ngeKota yokuqala ka-2025. Iinkcukacha ngalo msitho, kuqukwa nomhla nendawo, ziya kwaziswa kungekudala.

7. **ISaveyi nokunikezelwa kweezatifikethi**
Kucelwa ukuba iinqununu, EZINGEKAZIZALISI iisaveyi, ziyizalise isaveyi efunekayo ungadlulanga owe-06 Disemba 2024 yaye zikuqinisekise ukuchaneka kwengcaciso enikiweyo. Iilinki ze-*DBE* eziza kusetyenziswa zezi zilandelayo:

7.1 **Ootitshala**
https://docs.google.com/forms/d/e/1FAIpQLSdx5XIoEkIymkbIfQtRonkEN2I8moLRMdtTfEq_NwKYvfk6ew/viewform?usp=sharing

7.2 **Iinqununu**
https://docs.google.com/forms/d/e/1FAIpQLSdUdRTjguY7bBqVEFn7y0DzcZFWnoUsMX7EKWtWk6VeatJ6AA/viewform?usp=sharing

8. **Isiphelo**
Impumelelo yeMfundo ye-*MTbBE* ixhomekeke ekuzibopheleleni kwabo bonke abachaphazelekayo. ISebe i-*WCED* lizibophelele ekunikezeleni ngezibonelelo eziyimfuneko nenkxaso ukuqinisekisa ukuphunyezwa kwayo ngokubonakalayo. Iinkcukacha ezingaphezulu malunga noqeqesho nezibonelelo ziya kwaziswa ekuhambeni kwethuba. Malunga nayo nayiphi na imibuzo okanye iinkcukacha ezongezelelweyo, kucelwa niqhagamshelane ne-ofisi yesithili senu.

9. Niyabulelwa ngentsebenziswano yenu njengoko sisebenza kunye ukuxhobisa abafundi ngolwimi.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke abathathi-nxaxheba ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-12-10